Justice and Peace
A Department of the Southern African Catholic Bishops' Conference

The Jesuit Institute South Africa

Catholic Parliamentary Liaison Office

# ULONYULO JIKELELE LUKA-2019



"Ndimelwe kukwenza kangangoko ukuze balawule kakuhle, yaye kumelwe ndenze kangangoko ngokuthabatha inxaxheba kwezopolitiko ngakwamandla endinawo. Ezopolitiko, ngokweMfundiso yeZokuhlala yeTyalike, yenye yezona ndlela ziphakamileyo zesisa, kuba yenzelwe okulungileyo. Andinakho ukuzihlamba izandla zam..." ***uPapa uFrancis***

## Akungekhe uvote ngaphandle kokuba ube ubhalisile njengomvoti!

**Ndingabhalisa njani?** Icandelo elilodwa lezoNyulo lakubamba ubhaliso ngempela veki yama 26-27 kuloo mpela veki kaJanuari 2019. Onke amaziko ovoto ayakuvulwa nabasebenzi bakubalapho ukuze bancedane nawe.

**Yintoni emandiyiphathe?** Yincwadi sazisi esiluhlaza okanye ikhadi kungenjalo isiqinisekiso sazisi sexeshana.

**Ndingaqinisekisa njani ukuba ndibhalisile?** Eyona ndlela ilula kukuya ku-online wakwa IEC website www.elections.org.za/content/. Kungenjalo uthumele umyalezo weSMS eneenombolo yesazisi sakho kwa 32810 (R1.00 SMS). Okanye utyelele esona sitishi sikufutshane sokuvota.

**Kwakwenzeka ntoni xa ndingenakho ukuphumelele ngomhla we 26 okanye 27 Januari 2019?** Ungabhalisa kwi-ofisi zeIEC nani nina. Kukho iiofisi zikaIEC kulo lonke. Ungajonga kwi-website yeIEC okanye ufowunele le nombolo 0800 11 8000 ukuze wazi okokuba indawoni eyona ofisi ikufuphi kuwe.

**Ndingabhalisa xa ndinge kafiki kwiminyaka elishumi elinesibhozo (18) okwangoku?** Ewe, nje ukuba ube nesazisi unakho ukubhalisa – oko kukuthi, ukusukela kwiminyaka elishumi elinesithandathu (16). Yimbono entle ukubhalisa ngokukhawuleza nje usiba nesazisi, uyakuba ukulungele ukuvota kwangoko ugqiba iminyaka elishumi elinesibhozo (18).

## *Iththetha ukuthini into yokubhalisa ukuze uvote? Ulonyulo alubonakali luguqula nto...*

Ngamanye amathuba asiziva kamnandi ngezopolitiko.

Jikelele abantu boMzantsi Afrika batsala nzima ngomsebenzi, ubundlobongela, ubuhlwempu, izikolo ezikwimeko embi, izibhedlele eziphuphumayo, kwane kamva elingaqinisekanga. Ewe uninzi lwabapolitiki bethu babonakala benomdla kuphela elulawulweni, hayi ekukhonzeni abantu. Kodwa asimelwanga kukuyeka ukusebenzela ilizwe elingcono.

## *Singaphendula Njani?*

Inye into eqinisekileyo: ukuba sizifulathele ezopolitiko, okokuba siyalincama ilungelo lethu kwanoxanduva lwethu lokuvota, izinto eneneni azingekhe ziphucuke. Ukuvota kungenza umahluko. Kungathumela abantu abangabo kwanemibutho ePalamente, kungakhuthaza abezopolitiko abalungileyo, yaye kungabothusa abo bangalunganga ukuba basebenze ngakumbi.

uPapa uFrancis uyasikhumbuza ngelithi: "uPolitiko sisenzo esibekekileyo. Simelwe kukubuya sisixabise,sisiphile ngobizo nokuzinikela okufuna ubungqina nobugorha-oko kukufela okulungileyo."

Mandulo uninzi lwabemi baseMzantsi Afrika lwaluzimisele 'ukufela okulungileyo' siyabulela, bambalwa ababizelwe ukwenza oko ngoku. Kodwa Sisonke sibizelwa ukuba senze oko sinakho ukwenza – oko ke kukuba sivote sonke ngononophelo nangokuthandaza.

**Qinisekisa okokuba ubhalise ngethuba ukuze uvote!**
Ngakumbi ngokubhalalisela ukuvota, kwanokuthi gqolo usemfuthweni wolwazi malunga nolonyulo, tyelela iwebsite yakwaIEC: www.elections.org.za



"Sisonke sinelungelo noxanduva lokuthabatha inxaxheba kubomi belizwe lethu. Ulonyulo lithuba elibalulekileyo kuthi ukuba sisebenzise isidima esasinikwa nguThixo ukuze sikhethe lowo umelwe kukusikhokela ngenjongo elungileyo. Ungaphoswa, qinisekisa ukuba ukubhalisela ukuvota" – **uBhishophu Sithembele Sipuka, *Umongameli wooBhishophu bamaKatolike oMzantsi Afrika***

Le mbalelwano iveliswe ngenkxase yeHanns Seidel Foundation

Hanns Seidel Foundation

CIVICS ACADEMY
cultivating democracy through civic education
www.civicsacademy.co.za